ISicwangciso sezoQoqosho noPhuhliso loLuntu

ISicwangciso sezoQoqosho noPhuhliso loLuntu (EHDS) seSixeko sixhaswa yimisebenzi yobuchule eyabelwe urhulumente wengingqi phantsi koMgaqo-siseko nomthetho nemigaqo-nkqubo efanelekileyo.

Esi sicwangciso sijolise:

- ekonyuseni izinga lokukhula koqoqosho
- ukudala amathuba emisebenzi ngoku kodwa kubasebenzi abakwinqanaba eliphantsi nabangenazakhono zigqibeleleyo;
- ukunciphisa umsantsa ophakathi kwezityebi namahlwempu;
- ukukwehlisa izinga lentlupheko ngesiqingatha, umzekelo, inani labantu abakwibakala lokufumana isibonelelo sabo bahluphekileyo; kunye
- nokwakha ikhono lentlalo-ntle, loluntu kunye nelendalo yabahlali.

I-EHDS igxininisa ngakumbi kwikhono elingumongo wezoqoqosho nakwimiba yophuhliso loluntu enempembelelo ezithe nqo kubomi bezoqoqosho babahlali yaye ikwagxile:

- Ekukhuliseni uqoqoqsho olusele luphuhlile lwamiselwa ngoku semthethweni.
  Ukonyusa inani lamathuba ezoqoqosho, ngokonyusa izinga lokukhula koqoqosho nothatho-nxaxheba kwezoqoqosho.
- Ukukhulisa uqoqosho lwabahlwempuzekileyo (uqoqosho olumiselwe ngokusemthethweni nolo lungamiselekanga ngokusemthethweni).
  Ukulonyusa nokulenza banzi izinga lothatho-nxaxheba lwabahlwempuzekileyo kwezoqoqosho.
- Ukuseka imichankcatho yezoqoqosho.
  Ukuqinisa amakhonkco oqhakamshelwano phakathi koqoqosho olukwizinga lokuqala nolo lukwizinga lesibini, kuqinisekiswe ukubandakanyeka okumandla nokulungisa imbali yokungalingani
- Ukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo.
  Ukuququzelela indlela yokufikelela kwiimfuno ezisisiseko, ezempilo neenkonzo zentlalo-ntle kubandakanywa nenkxaso-mali karhulumente kunye nezibonelelo; izindlu neenkonzo zothutho loluntu.
- Ukuphuhlisa ikhono loluntu, elendalo nelentlalo-ntle.
  Ukuphuhlisa ikhono loluntu kunye nentlalo-ntle yaba hlwempuzekileyo kubandakanywa nolawulo lwendalo yokusingqongileyo.

UQoqosho nophuhliso loluntu lusekelwe phantsi kokuba uluhlu lweziseko zibe zikhona kuqala. Olu luhlu luchazwe phantsi kwezihloko ezintlanu ezichazwe ngezantsi. Ngeli xesha uninzi lungaphandle kwesigunyaziso seSebe lezoQoqosho noPhuhliso loLuntu, lukwa yinxalenye yesicwangciso:

- Ulawulo olululo olusemthethweni
- Ucwangciso
- Amajelo aziziseko zobume
- Uphando nolwazi
- Izixhobo ezi sisiseko zokusebenza kumaziko

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

Idilesi yeShishini
Umgangatho we-8, Waldorf Building, kwanombolo 80 St George's Mall, eKapa, 8001

Idilesi yeposi
PO Box 16548, Vlaeberg, 8018

Umnxeba
+27 (21) 483 9030

Ifeksi
+27 (21) 483 9083

I-imeyile
edt.mail@capetown.gov.za

IWebhusayithi
www.capetown.gov.za/econdev

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

ISEBE LEZOQOQOSHO NOPHUHLISO LOLUNTU



ISEBE LEZOQOQOSHO NOPHUHLISO LOLUNTU

Inxalenye yeCandelo leSicwangciso noPhuhliso

ISebe lezoQoqosho noPhuhliso loLuntu (EHD) likhokela yaye lixhasa isigunyaziso seBhunga sokuququzelela uphuhliso lwezoqoqosho eKapa.

Ngokukodwa, i-EHD inoxanduva lokubalula ukukhuliswa kwezoqoqosho, ukudalwa kwamathuba emisebenzi nokuncitshiswa kwentlupheko nokukhangela imo yokungalingani eKapa.

Umsebenzi weli Sebe ukhokelwa siSicwangciso salo sezoQoqosho noPhuhliso loLuntu (EHDS) yaye sijolise ekuqinisekiseni ukuba sine Sixeko esivelisayo nesikwinqanaba elithelekiswa nehlabathi kwaye sinoqoqosho oluzele udlamko olunakho ukubonelela uninzi lwabemi baso ngeendlela zokuphila ubomi obufanelekileyo nokuxhamla kuhlumo lwaso.

Uxanduva lweli Sebe kukukhulula amaqhina ophuhliso lwezoqoqosho, ukudala amathuba engqesho nawoshishino kummandla weKapa.

IiNkonzo ezinikezelwa leli Sebe ziquka:

UPhuhliso lwezoQoqosho kwiNgingqi (LAED) noPhuhliso loLuntu:

- Ukukhokela nokumisela imigaqo-nkqubo, izicwangciso, iinkqubo neeprojekthi ezijolise ekuphuhliseni uqoqoqsho olusakhasayo nokuludibanisa kwelo selihlumile.
- Ukubonelela ngoncedo nesikhokelo kwiBhunga ngendlela yokukhawulelana nentlupheko nokungalingani nokuzibophelela kweSixeko kwabahluphekileyo kusetyenziswa uqoqosho nophuhliso loluntu.
- Ukubonelela ngezimvo nokuncedisa ekubeni amashishini akwinqanaba elikhasayo afumana eyona nzuzo iphezulu yezoqoqosho, kusetyenziswa iinkqubo neeprojekthi eziphambili zeBhunga umzekelo: iprojekthi ebizwa iN2 Gateway eyiprojekthi yendawo yokuHlala abantu nenkqubo yoVuselelo lweDolophu.
- Ukudala indlela yokusebenzisana phakathi kwawo onke amanqanaba karhulumente kuxhaswa iinzame zophuhliso lwezoqoqosho kwiSixeko ngokuthi kungqanyaniswe izicwangciso ze-LAED nezicwangciso zendlela zokusebenza kwakunye nemigaqo-nkqubo neenkqubo zephondo neze sizwe.
- Ukubonelela ngezimvo nonxibelelwano kwisicwangciso sophuhliso lwezoqoqosho kwiSixeko kunye nezicwangciso zendlela yokusebenza ekuphuhliseni uqoqosho kwingingqi.
- Ukunika izimvo ekuchongweni nasekumiselweni kweeprojekthi ezixhaswa ngemali ezinikezelwe iwadi kuqukwa nokwenziwa kophando lokuqinisekisa ukuba ziyakuba yimpumelelo nokuthelekele wa kwexabiso lezo projekthi.
- Ukubonelela ngesikhokelo semo yoPhuhliso loLuntu.

Inkxaso kwezoShishino noPhuhliso lweZakhono:

- Ukumisela iinkqubo ezihambisana noMgaqo-nkqubo weSixeko, ongeNkxaso enikezwa amashishini.
- Ukubonelela ngezakhono zokuyila izicwangciso zezoshishino, uthetha-thethwano, iingcebiso nenkxaso kusetyenziswa inkqubo yeSixeko yevawutsha.
- Ukubonelela ngenkxaso yamajelo aziziseko zoshishino kunye nolawulo lwamajelo asele akhoyo.
- Ukunika inkxaso kwezoShishino nakwiinkqubo zoPhuhliso lweZakhono enikwa osomashishini abasakhulayo (SMMEs) kwakunye nokunika inkxaso nakwimibutho ye-BEE malunga namathuba avulelekileyo kwakunye nemithombo yophuhliso lwezakhono kusetyenziswa amaphulo afana nephulo : nenkqubo yerawuthsha, Business Place, Small Business Week.
- IInkqubo zoququzelelo lwenkxaso eziqhutywa kunye noRhulumente wePhondo leNtshona Koloni neCandelo loPhuhliso lwaMashishini, imibutho ye-Red Door, inkqubo yoShishino loLutsha namathuba okunxibelelana noLutsha.
- Kukhuliswe kangangoko kunokwenzeka, ukuphuhliswa kwesakhono soluntu, ushishino nokudalwa kwamathuba emisebenzi kusetyenziswa iiprojekthi zeBhunga nemali ebekelwe bucala enjengaleyo yoLawulo lweMisebenzi ebonelelwa ngoluhlu lwabaxhasi, iNkqubo embaxa yemisebenzi kaRhulumente nezicwangciso zonyaka ka-2010.
- Kuphuhliswe ze kumiselwe isicwangciso sophuhliso lwezakhono ngenjongo yokuxhasa iSicwangciso sezoQoqosho noPhuhliso loLuntu.
- Ukukhawulelana nengxaki yokungafikeleleki kwenkcukacha nolwazi kusetyenziswa iinkqubo zenkxaso kwezoshishino nesalathiso sabaxhasi. Kukwasindlekwa neesemina ngentsebenziswano nemibutho yoshishino ngamaxesha athile amiselweyo.
- Ukubonelela ngoncedo lophuhliso lwezakhono kwiiprojekthi zophuhliso ezisekelwe kwiindawo zasekuhlaleni nokuphuhliswa kwezakhono zobugcisa nokudalwa kwamathuba emisebenzi kusetyenziswa uninzi lwamaphulo kubandakanywa nenkqubo yevawutsha nesalathisi sabaxhasi.
- uqeqesho olunika inkxaso kunye neenkqubo zokufunda emsebenzini neenkqubo ezimbaxa zemisebenzi yoluntu.
- Ukusebenzisana namanye amasebe eBhunga ngokuphathelele ekunikezelweni kweenkonzo ngokwesigunyaziso salo, umzekelo: uphuhliso lwezentlalo-ntle neenkonzo zolwazi nobuchwepheshe.

Uququzelelo lophuhliso lwezoQoqosho – kuqukwa namacandelo ocwangciso olulodwa:

- Kuququzelelwa kokukhula kunye nophuhliso loqoqosho lweSixeko

ngokuxhasa amacandelo aphambili afana : nawe-Oli neGesi, iMveliso eMbaxa, amaziko engcaciso nenkqubo yokunatyiswa kwemisebenzi kwamanye amashishini, ushishino lwezolimo, ICT, imizi-mveliso yobuchule (Ubuchule bemiboniso bhaya-bhanya, ubugcisa bomsebenzi wezandla, ezenkcubeko nezihombiso).

- Ukuququzelela iinkqubo eziphucula utyalo-mali nokuxhaswa korhwebo ngentsebenziswano ne-Arhente ephucula urhwebo notyalo-mali kwiNtshona Koloni (Wesgro) neminye imibutho yamacandelo.
- Kumiselwe iinkqubo eziza kudibanisa ushishino olukwinqanaba elisakhasayo kuqoqosho oluphambili, ze kwandiswe namathuba emisebenzi.
- Kuququzelelwe uphuhliso lobume bezoshishino obuvumela ukhuphiswano.
- Kujongwe indlela ebalulwa ngayo inkqubo yorhwebo notyalo-mali ngentsebenziswano nabe-Wesgro.
- Kuphononongwe indlela ezahlukileyo zophuhliso lwezoqoqosho ezichaphazela indlela eyiyo yokwenza izinto.
- Kuququzelelwe utyalo-mali kwiindawo zeSixeko ngokubanzi eziyinqobo zamajelo aziziseko zoqoqosho
- Kuququzelelwe utyalo-mali kumajelo ayinqobo kwindawo ezazifudula zihlelelekile.
- Kubonelelwe ngenkxaso-mali yokuseka neyo kusebenza kumafama asezidolophini.

Ulwazi lwezoQoqosho noPhando:

- Kubonelelwe ngolwazi olungundoqo kuphuhliso lwezoqoqosho kwiSixeko. (GGP, ingqesho, iqela labasebenzi abanokuqeshwa)
- Kuqhutywe kunye/okanye kuququzelelwe uphando lophuhliso lwezoqoqosho neenkqubo zokuphononongo ngenjongo zokuxhasa uqoqosho lweSixeko namaphulo ophuhliso loluntu.
- Kuncedisa kwiinkqubo zokuphononongo nokuhlola kuqukwa nokuphononongwa kwenkqubo yokudalwa kwamathuba emisebenzi.
- Kuveliswe iimveliso ezinolwazi lwe-EHD ngenjongo yokuxhasa iinkqubo neeprojekthi ze-EHD (zibandakanywe kwi- intanethi).
- Kumiselwe indlela yokunika inkxaso kulawulo lolwazi olubalulekileyo kunye nemithombo, nolunye ulwazi olugxile kubasebenzisi beenkonzo.
- Kuxhaswe uluhlu lwamaphulo Esixeko-ngokubanzi afana ne-Smart City Strategy nenkqubo yayo.

Ixhaswe licandelo: *leeNkonzo zeNkxaso:*

- Ukunika inkxaso kweli Sebe ngokuphathelele kulawulo, ezemali, ulawulo lwezinto esinazo, ijelo lemithombo yabasebenzi nophuhliso lwezakhono noqeqesho.
- Kuncedisana nenkqubo yokumiselwa kweenkqubo zokufunda emsebenzini zeli Sebe nezemfundo noqeqesho zeli Sebe.